Province of the
**EASTERNCAPE**
EDUCATION

# NATIONAL
# SENIOR CERTIFICATE

# IBANGA 12

# SEPTEMBA 2012

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO – P2

**AMANQAKU:** **70**

**IXESHA:** **2 iiyure**

Olu viwo lunamaphepha angama – 26.

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Nceda ufunde le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Sukuzama ukufunda lonke iphepha. Yiya kwisiqulatho kwiphepha elilandelayo uze uphawule amanani asetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, yifunde le mibuzo uze ukhethe ofuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: Inoveli | (35) |
| ICANDELO B: Idrama | (35) |
| ICANDELO C: Amabali amafutshane | (35) |
| ICANDELO D: Isihobe | (35) |

4. Landela imiyalelo ngononophelo ekuqaleni kweCandelo ngalinye.

5. Phendula IMIBUZO EMIBINI iyonke: umbuzo omNYE okhethwe nakwawaphi amacandelo amaBINI. Sebenzisa uluhlu lokukhangela ukukunceda.

6. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

7. Qala iCandelo ngalinye kwiphepha ELITSHA.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

9. Ingcebiso yokulawula ixesha: sebenzisa imizuzu engama-60 kwiCandelo ngalinye olikhethileyo.

10. Umthamo wempendulo mawulawulwe linani lamanqaku.

11. **IPHEPHA LESIQULATHO**

    Eli phepha liza kunceda abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abafuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

## ICANDELO A: INOVELI

Phendula umbuzo ube MNYE kweli Candelo.

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU |
|---|---|---|
| 1 (KUSA KUSIHLWA) | Umbuzo Omde<br>**OKANYE** | 35 |
| 2 (KUSA KUSIHLWA) | Umbuzo Omfutshane | 35 |
| **OKANYE** | | |
| 3 (UMQOL'UPHANDLE) | Umbuzo Omde | 35 |
| **OKANYE** | | |
| 4 (UMQOL'UPHANDLE) | Umbuzo Omfutshane | 35 |

## ICANDELO B: IDRAMA

Phendula umbuzo ubeMNYE kweli Candelo.

| | | |
|---|---|---|
| 5 (NDIYEKENI) | Umbuzo Omde | 35 |
| **OKANYE** | | |
| 6 (NDIYEKENI) | Umbuzo omfutshane | 35 |

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Phendula umbuzo ube MNYE kweli Candelo.

| | | |
|---|---|---|
| 7(NDAKUYICEL'IVUTHIWE) | Umbuzo Omde | 35 |
| **OKANYE** | | |
| 8(NDAKUYICEL'IVUTHIWE) | Umbuzo Omfutshane | 35 |

| **ICANDELO D: ISIHOBE**<br><br>Phendula nayiphi imibuzo emiBINI kweli Candelo. | | |
|---|---|---|
| 9 (UMANYANO) | Umbuzo omfutshane | 17.5 |
| | **OKANYE** | |
| 10 (INKONJANE) | Umbuzo omfutshane | 17.5 |
| | **OKANYE** | |
| 11(INTYATYAMBO) | Umbuzo omfutshane | 17.5 |
| | **OKANYE** | |
| 12 (IMBONGI ZAKWANTU) | Umbuzo omfutshane | 17.5 |

**ULUHLU LOKUKHANGELA**

| **ICANDELO** | **AMANANI EMIBUZO** | **INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO** | **PHAWULA** |
|---|---|---|---|
| A: Inoveli<br><br>(Umbuzo omde OKANYE Umbuzo omfutshane) | 1 - 4 | 1 | |
| | **OKANYE** | | |
| B: Idrama<br><br>(Umbuzo omde OKANYE Umbuzo omfutshane) | 5 - 6 | 1 | |
| | **OKANYE** | | |
| C: Amabali amafutshane<br><br>(Umbuzo omde OKANYE Umbuzo omfutshane) | 7 – 8 | 1 | |
| | **OKANYE** | | |
| D: Isihobe | 9 – 12 | 2 | |

## ICANDELO A: INOVELI

### UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)

### KUSA KUSIHLWA- KS Bongela

Bonisa impixano ekhoyo phakathi kwaba balinganiswa balandelayo kule ncwadi (240 amagama):

A. Nomakhwezi

B. Lungile

C. Mpumelelo **[35]**

**OKANYE**

### UMBUZO 2 (IMIBUZO EMIFUTSHANE)

### KUSA KUSIHLWA – KS Bongela

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo uze uphendule imibuzo.

2.1 Ukuza kuthi xhaxhe kwesi sithuba besekuqengqeleke iinyanga ezininzi kakhulu ukususela oko uyise kaMpumelelo wangena kulo msebenzi mtsha wokujikeleza ukufuna amalungu okuqinisekisa ngobomi bawo.

Wakumkhangela ngeliso lo mfo ubunokuphawula ukuba ngathi noko ezi ngcinga anazo ngalo mzi wakhe azimenzi nto ncam kuba usuke wayimbishimbishi ngenxa yesisu esikhulu nesiqu, into ekufaneleka ngathi yayidalelwe kwimpahla yasemlungwini.

Yinto elihomba le ethi ukunyathela oku ibe ngathi umhlaba iyawucenga ukuba ungadiliki phantsi kwesi siqu sayo sihle. Kubonakala ukuba ngomfo owunonophelayo umsebenzi kuba nalapha sesimbona ekumaqhuzu aphezulu ngenxa yokunyuselwa. Eli nqanaba afikelele kulo lenze ukuba ifem le imnike imoto, ne-ofisi yakhe.

2.1.1 Nika igama lalo mntu ekuthethwa ngaye apha ngasentla. (1)

2.1.2 Ngenkcazelo elula ngumsebenzi wantoni lo kuthethwa ngawo apha? (1)

2.1.3 Ebesebenza phi lo mntu phambi kokuba abe kule ndawo akuyo ngoku? (1)

2.1.4 Sithini isizathu sokushiya kwakhe umsebenzi wangaphambili? (2)

2.1.5 Zithini iingcinga anazo lo mfo ngomzi wakhe? (2)

2.1.6 Ngumntu onjani umntu ekuthiwa lihomba? (2)

2.1.7 Igama ledolophu iThekwini ngesi Ngesi yi………Gqibezela. (1)

**[10]**

2.2 Umoya wokungakhululeki uhleli ukho phakathi kwabo lada lafika ithuba lokuba indoda iphangele ngoMvulo imadolo anzima injalo ngenxa yesenzo somfazi. Uthe phambi kokuba aphume namhlanje uLungile wabiza unyana wakhe.

"Mpumelelo namhlanje ndifuna ukukwazisa ukuba impilo yam ayintle konke. Nanjengonyana ekuphela kwakhe, ndifuna ukhule usazi into ofanelwe kukuyenza ukwenzela ukuba ze kuthi nokuba kwenzeka ntoni na kum okanye kunyoko, ungaxakwa. Umdala ngoku kangangokuba ndingakucuntsulela ubuncinane kumahlebo alapha ekhaya. Impilo yam ayithembisi mntwan' am. Ugqirha undixelele".

"Ke, Mpumelelo le mizamo siyenzayo xa sisonke apha ekhaya, sizamela ukuba uze ufunde ube ngumntu elizweni, ungathi xa sesifile ufane nompha ochutywe walahlwa. Uze ungayiyeki imfundo naphantsi kwayiphi na imeko de ufikelele kweli nqanaba ndihlala ndisithi ndingaxola ukuba unokufikelela kulo. Eyesibini yile yokuba uze uthi nokuba sowugqibile ukufunda, ugcine ilifa likayihlo lisebenze mntwan'am. Nabu ubutyebi bakwaNtsibande namhlanje bujinga buza kutsityelwa ngamaxhwili. Ingaze ife le venkile".

"Into ebangela ukuba nditsho kukuba phambi kokuba ndiyivule, ndavelelwa ngubawo omkhulu ongasekhoyo, wandibonisa ikhondo lempumelelo neliya kugcina igama lakwaNtsibande lihleli. Ke, kule mpilo yam ikekeleyo; nendiyibonayo ukuba iye isonakala ngokonakala nakuba unyoko engayiqondi; nali endifuna ukuba uze uligcine engqondweni. Nokuba sekuyintoni, ungaze umlahle unyoko koku kuporha kwakhe, ndawo-nye noyihlomncinci kwakunye nomakhulu lo sihleli naye."

2.2.1 Sesiphi esi senzo salo mfazi esi simenze wamadolw," anzima? (2)

2.2.2 Ingaba uLungile wayenabo abanye abantwana ngaphandle kukaMpumelelo? Ewe okanye Hayi. Caphula kwisicatshulwa ukuxhasa impendulo yakho. (2)

2.2.3 Uthetha ukuthini uLungile xa esithi impilo yakhe ayintle konke? (1)

2.2.4 Caphula kwisicatshulwa ukuxhasa impendulo oyinike ngentla. (1)

2.2.5 Kukuthini ukucuntsulelana? (1)

2.2.6 Ufaniswa nantoni umntu ongafundanga apha kwisicatshulwa? (1)

2.2.7 Igama "ukuporha" lichaza umntu onjani? (1)

2.2.8 Ngubani igama likatata omncinci kaMpumelelo? (1)

2.2.9 Nika izinto zibeNTATHU uLungile anqwenela uMpumelelo ukuba aze azenze apha ebomini mhlawumbi xa yena sele engasekho. (3)

2.2.10 Njengoko ulazi ibali ingangoobani lamaxhwili athetha ngawo uLungile? (2)

**[15]**

2.3 Aba bangasemva babencokola kodwa aba bangaphambili babengancokoli kuyaphi. Le nto yoku kuthula kukamama notata yenze ukuba nabanye aba bazive bemanyonywana. Umqhubi lo ubethiwe lwale zingcinga zobukhwele, umphefumlo lo undondotheka kuba kaloku intokazi le asilonqala yimfene. Ezi ngcinga zimenze ukuba azibone selebaleka ngamendu aphezulu engaziva.

2.3.1 Ngoobani aba babengasemva? Nika amagama abo. (2)

2.3.2 Igama, "Umanyonywana" linika umfanekiso-ngqondweni womntu onjani? (1)

2.3.3 Belusiyaphi olu hambo lwaba bantu? (1)

2.3.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo ngokwale nkcazo:"Kaloku intokazi le asinqala yimfene".

A Uzithanda kakhulu izilwanyana ngakumbi iimfene.
B Unenzondo kakhulu.
C Ungumntu olungileyo ngokwemfene. (1)

2.3.5 Yintoni ubukhwele? (1)

2.3.6 Yintoni le ebesandula ukuyiva lo mama le imenza ukuba abenje? (2)

2.3.7 Ingaba ibiyinyani le nto ayivileyo, le nawe uyichaze apha ngentla? Chaza. (2)

[10]

**[35]**

**OKANYE**

**UMBUZO 3 (UMBUZO OMDE)**

**UMQOL'UPHANDLE- PM Ngani**

**3.** Umbhali kwincwadi yakhe ethi, "Umqol'uphandle" uzama ukusifundisa okuthile okanye ungathi le ncwadi inantsingiselo ni kuthi kule mihla siphila kuyo? (240 amagama): **[35]**

**OKANYE**

## UMBUZO 4 (IMIBUZO EMIFUTSHANE)

4. Funda ezi zicatshulwa zilandelayo wandule ukuphendula imibuzo.

"Phambi kokuba ndikuphendule, makhe ndibuze ndenjenje kuwe, Dick: ingaba konke oku ndikubuzwa njengombanjwa okanye njengomrhanelwa?"

Itsho le ntokazi ikhangeleka imangalisiwe kodwa kungekho kuxhalaba.

"Umbanjwa wantoni kanene?"

"Andazi kaloku. Ndiva undilumkisa ukuba into endiyithethayo ingabubungqina ongabe bujoliswe kwakum, mhlawumbi ke ematyaleni."

"Andazi ke nam, nkosazana; kuxhomekekile," uqondile ukuba makangaphumi ntweni naye okaHlobo.

Ihleke nje kancinci intomb'enkulu, yaphendula ngelithi: "Kulungile ke, Dick, xa ungaziyo nawe nokuba ndingumbanjwa okanye orhanelwayo na. Mna ke ndiqinisekile ukuba ndakukunceda nangayiphi na ofuna ndikuncede ngayo kuphando olwenzayo. Ndixelele nje wena ofuna ndikuncede ngayo.

4.1.1 Luphando lwantoni olu kuthethwa ngalo apha kwesi sicatshulwa? (2)

4.1.2 Ngubani le ntokazi athetha nayo apha kwisicatshulwa? (1)

4.1.3 Yenzeka phi yonke le ncoko yaba babini? (1)

4.1.4 Sithini isilumkiso uHlobo asinika lo athetha naye? (2)

4.1.5 Wenza msebenzi mni lo athetha naye eMoonglow Night Club? (1)

4.1.6 Kwenzeke ntoni kuEddie noLulama? (2)

4.1.7 Lo kuthethwa naye kwisicatshulwa udibana njani noEddie noLulama? (2)

4.1.8 Ngubani lo mntu adibene naye uHlobo phambi kokuba angene kule ndlu? (1)

4.1.9 Wayesenza ntoni yena ngeli xesha, eyintoni yena kule ndlu? (2)

4.1.10 Ufumene ntoni uHlobo kule ndlu, le iye yamvuyisa ngamandla? (2)

4.1.11 Uthetha ukuthini xa athi: "makangazenzi untemekwana" (1)

[17]

4.2 "Hayi, Eddie, sisazele laa mcimbi mdala waseMoonglow- laa mcimbi usoloko uwukhaba. Namhlanje ke sifuna ukuba usinike ilizwi lokugqibela, emva koko sibone into emasiyenze ngawe."

"Awu! Wathetha njalo, Mdoda? Niza kundigxotha na?"

"Kuxhomekeke kwimpendulo oza kusinika yona. Nokuba siyakugxotha, asisayi kugxotha ngale ndlela ucinga ngayo.

Ngokufutshane Eddie sobane njengokuba silapha nje sigqibile.

"Siza kuwe njengomntu esamnyula ukuba abe yimanejala phaya eMoonglow.

Khawusiphe ilizwi mfondini"

"Makhe ndibuze le, khaba lakuthi: xa ndingumqobo phambi kweenjongo neminqweno yenu, yini ukuba ningandikhuphi esihlalweni okanye nasembuthweni ngokwawo?"

"Eddie, mfondini, sesikungenise kakhulu ekhwapheni. Xa sinokukutyekeza emva kokuba singavisisananga ngalo mcimbi, sazi njani ukuba akungebalekeli emapoliseni, uyokusikila, sibanjwe.

"Kambe ke mandiniphe imbilini yam ngalo mbandela wentsangu- njengoko ndisoloko ndinicacisela xa nindiphimisayo ngawo: Niyazazi iinjongo zethu xa sasiseka iMoonglow Night Club. Sasisithi sifuna ukunika ulonwabo ebantwini. Sasisithi sifuna ukwenza indawo apho abantu banokuhlaziya ingqondo zabo ngexesha labo lokuphumla. Amagunya okuwuqhuba lo mbutho sawanikwa ngokwaziwa ukuba singaba nezo njongo ziphile kangako. Mna ke andikaguquki kwezo njongo.

4.2.1 Ngumcimbi wantoni lo uzelwe ngaba bantu kuEddie? (2)

4.2.2 Intetho ethi, "Sifuna ukuba usinike ilizwi lokugqibela emva koko sibone into emasiyenze ngawe", ithetha ntoni ngokunxulumene naba bantu? (2)

4.2.3 Sithini isizathu saba bantu sokungafuni ukuyiyeka le nto bayihambele kuEddie? (2)

4.2.4 Nika amagama amaBINI abanye babantu ebebehambele uEddie ngaphandle kukaMdoda. (2)

4.2.5 Ezi zithethi zithetha apha ngentla zithi ziza kuyifumana njani le nto ziyifuna ngamandla apha kuEddie? (2)

4.2.6 Sithini isizathu sokuba bangamgxothi uEddie xa engafuni kusamkela isicelo sabo? (2)

4.2.7 Zazisithini iinjongo ezikhankanyiweyo zokusekwa kombutho waseMoonglow? (2)

4.2.8 Intetho ethi, “nokuba siyakukugxotha asisayi kugxotha ngale ndlela ucinga ngayo” ithetha ukuthini? (1)

4.2.9 UEddie ngumntu ongajikiyo kwinto akholelwa kuyo. Ngqina oku ngokucaphula apha kwisicatshulwa. (2)

4.2.10 Kukuthini ukufaka umntu ekhwapheni? (1)

[18]

**[35]**

**OKANYE**

## ICANDELO B: IDRAMA

**UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)**

**NDIYEKENI- DM Jongilanga**

Ngqina amazwi athi, "Lo nto uyenza komnye umntu nawe ngenye imini iyakujikela" ngokuthi ungqiyame ngeziganeko ezenzeke ebalini (240 amagama). **[35]**

**OKANYE**

**UMBUZO 6 (IMIBUZO EMIFUTSHANE)**

**NDIYEKENI-DM Jongilanga**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo uze uphendule imibuzo.

6.1 Funeka: Mfo kabawo ezilumkileyo zitya zibeka ukuze zithi akwaphusa uxam, zitshone emngxunyeni, zixel'iimbovane.

Zanele: Hayi mntakabawo iliwa libhek' umoya.

Funeka: Ngubani othathe indawo kaMawonga?

Zanele: Lichelezi apha uMaziko.

Funeka: Yeka umntwana womntu wethu. Kukh' ukuthini wethu? Kubethw' iintonga kulo mhlaba asazi phesheya kwengcwaba.

Zanele: Umgibe obambisa ngawo unqakulwa kwanguwo uthiywe bantu bambi. Makalumke noMaziko.

Funeka: Umthiyi usoloko elibaze ngakumbi kanobomi iliso lakhe ekuphambeni imigibe. Ezidlulileyo zidlule, zishiywa apho kubethelwe mgama.

Zanele: Lilonke uthi efileyo ayanyiwa mathole yebhonxileyo ephilisayo.

6.1.1 Yenzeka phi le ncoko yaba babini? (1)

6.1.2 Indlela athetha ngayo uFuneka iveza ubunjani bakhe. Chaza obu bunjani bakhe. (2)

6.1.3 Ngubani lo Mawonga kuthethwa ngaye, iyeyiphi le ndawo yakhe ithathiweyo? (2)

6.1.4 Cacisa le ntetho ithi; "Ezilumkileyo zitya zibeka". (2)

6.1.5 Igama elithi: "Ichelezi" libonisa ntoni ngoMaziko? (2)

6.1.6 Yintoni le athi uZanele kufuneka uMaziko naye ayilumkele? (1)

6.1.7 Caphula umgca apha kwisicatshulwa othetha into yokuba lo nto uyenza kwabanye nawe ngenye imini iyakujikela. (1)

6.1.8 Kuphi phesheya kwengcwaba? (1)

6.1.9 Ingaba uZanele kwintetho yakhe ubonakalisa ukuyithanda yonke le nto yehlele uMawonga? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.1.10 Nika igama lesilwanyana esixatyisiweyo kwaXhosa esayanyaniswa negama <u>ukubhonxa</u> kwisicatshulwa. (1)

6.1.11 Nika intsingiselo yeqhalo elithi, "Uxam waphusile" (1)

[16]

6.2 Funeka: O! (*ezamla*) Zanele khawenze ikofu wethu.

Zanele: Yi! bethu! Ikofu ebusuku apha?

Ndila : Look girls, get us something cool from the frigerator.

Funeka: Ufuna ukulandela umhlobo wakho uMawonga?

Ndila : Akusekho mntu apho.

Zanele: Shame! Fanukuba unkqonkqoze ubusuku bonke namhlanje.

Funeka: Unani engahlali endlwini yakhe nje? Asinaxesha leentaka ezithi zindala nje zibe zifuna umfunzelo.

Ndila : Niyawona ke lo msitho woloyiso.

Funeka: Kulungile wethu akukho nto imbi ekuqongqotheni umongo emva kokutya inyama.

Zanele: Maqela bumkile ubusuku masibeke amathambo ngoku, lide eli thuba.

6.2.1 Bavela phi aba bantu ngeli xesha? (1)

6.2.2 UZanele "uzamla" kuba esozela okanye enxaniwe? Xhasa (2)

impendulo yakho.

6.2.3 Uthetha ukuthini uFuneka xa esithi, “Asinaxesha leentaka ezithi zindala nje zibe zifuna umfunzelo”. (2)

6.2.4 Ngumsitho woloyiso lwantoni olu uNdila athetha ngalo? (1)

6.2.5 Caphula apha kwisicatshulwa igama elibonisa ukuba uZanele ebemsizela uMawonga. (1)

[7]

6.3 Nceda umlesi wencwadi ngokumphendulela imibuzo kwisicatshulwa njengoko kunonjolwe.

Funeka: Yintoni Zanele?

Zanele: Yhu! Nanku mntu phaya. (*esalatha)*

6.3.1 **Ngubani lo mntu?** (1)

Ndila : Mfondini phuma apho. (*Cwaka*)

Ndila : Ufuna ukuba side sikurhole? (*Cwaka*)

**6.3.2 Sebenzisa igama ukurhola linike enye intsingiselo engeyiyo le ikwisicatshulwa.** (2)

Funeka: Suka akukho mntu apho. (*Watsho esiya*)

Zanele: Uzulumke. (*Esoyika*)

Ndila : Mtsaleni.Unxilile lowo. (*Bamtsala weza wonke*)

Funeka: Yhu! Nkosiyam, <u>akusekho mntu apha.</u>

**6.3.3 Cacisa okukrwelelweyo.** (1)

Zanele: O Lord! ( *Bondela bonke bephathaphatha*)

**6.3.4 Kukuthini ukondela?** (1)

Ndila: Ubulewe yintoni?

**6.3.5 Ubulewe yintoni ke? Chaza.** (2)

Funeka: Ngubani owaziyo?

Zanele: Ungene njani besivalile nje? (*Bagqogqa amagumbi bekhangela*, *bancama)*

**6.3.6 Ungene njani ke ngokwenyani?** (2)

Zanele: Makubizwe amapolisa.

Funeka: Hayi khona! Lityala eli. Akukho mapolisa aya kukholelwa kwibali lokuba sifike lo mntu efele apha. Thethani man, kuyasa. (E*sitsho ethe phatsha*)

**6.3.7 Eli gama lithi ebethe "phatsha" lichaza ukuba ebenjani lo mntu?** (1)

Ndila : Lithini icebo? Siya kuba ngathi sithetha intsomi ngoku iyinyaniso.

Zanele: Siya kuthi ungene ngefestile.

Funeka: Icebo linye.

**6.3.8 Yaba leliphi ke icebo abalenzayo?** (2)

[12]

**[35]**

**OKANYE**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

### UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)

### NDAKUYICELA IVUTHIWE- LL Ngewu & EZ Guqa

Kwibalana elithi, "Kanti Andizenzanga" umbhali uzama kangangoko ukusiyala esifundisa ukuba masibamkele ebomini bethu abantu abafana nomlinganiswa onguMntuyedwa ngoba ngokuyinene abazenzanga (240 amagama): **[35]**

**OKANYE**

### UMBUZO 8(IMIBUZO EMIFUTSHANE)

### Ndakuyicel'ivuthiwe- LL Ngewu & EZ Guqa

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo uze uphendule imibuzo.

8.1 Umhlolokazi ongunina ukhe wahlala ethembeni lokuzikhohlisa ngelithi unyana wakhe wolahleko unokuba umke nezihlobo zeli khaya ebezihlala eHlwahlwathi. Unina akasukelanga phezulu ukukhangela le nkewu kuba engafuni ukuba atshuntuze esithubeni esazilele umyeni wakhe. Ziqengqelekile iinyanga ebambelele kwinto yokuba izizalwana zimgcinile umntwana ngeenjongo zokumkhotha amanxeba kwintlungu yokulahlekelwa nguyise. Ukhe wathumela kwizihlobo ebuzisa ngonyana wakhe, koko akwabikho mkhondo.

8.1.1 Ngubani igama le ndoda enkulu ekuthethwa ngayo apha? (1)

8.1.2 Kutheni kusithiwa yindod' enkulu nje? (2)

8.1.3 Khetha igama elisetyenziswe ngumbhali ukubonisa impoxo kulo kuthethwa ngaye. (1)

8.1.4 Ingaba umama wakhe waziva njani emva kokulahleka konyana wakhe? (2)

8.1.5 Akunyamalala emva komngcwabo uFanabekho unina wacinga ukuba uye phi? (2)

8.1.6 Chonga ibinzana kwisicatshulwa elithetha ukuhamba nje ngokungakhathali ngokungathi akunangxaki. (1)

8.1.7 Umhlolokazi ngumntu obhinqileyo oswelekelwe ngumyeni, oyindoda yena kuthiwa yintoni? (1)

8.1.8 Kukuthini ukukhotha amanxeba? (2)

8.1.9 Zeziphi ezinye iinzame ezenziwe ngulo mzali kwimizamo yokufuna unyana wakhe? (2)

[14]

8.2 Ikhikhizela laseDangwana

Usukumile kwisitulo ebethe chu kuso wakhulula idyasi bubhatyi yakhe wayijula kude ngokunga ugxotha ishwangusha. Akazihluphanga ngokuba abe ekhulula izihlangu kuba kuzo akukho nasinye ebesinomhluzi. Ukhabe nje unyawo, sataka phaya kude isihlangu ngokunga sichwayitile ukwehlukana nengcinezelo. Iinzwane zivele ziyimingqandanda kwimingxuma yezo zinto ekubonakala ukuba zakha zazikawusi ngeemini zazo. Ezi besekubonakala ukuba zizakhele ubuhlobo naloo mingxuma kangangokuba zingakhalaza ukuba lo rheme angazibhunxeka izihlangu.

Urhunta uthabathe umrhaji wakhe wazithi qukulu ngawo kulo bhedi warhona kuba ebedinwe eyimfe kushiyeke nje ubumfene kuye. Ulele ubuthongo obupholileyo kwibhedi etofotofo esahlukene namaqwakuqwaku awaqhelileyo. Ubuthongo obububo, elala engenaxhala, wabugqibela kwakweli khaya.

8.2.1 Umbhali uthetha ukuthini xa esithi, “akazihluphanga ngokuba abe ekhulula izihlangu kuba kuzo akukho nasinye ebesise nomhluzi? (2)

8.2.2 Igama “urhunta” linika umfanekiso ngqondweni womntu onjani? (2)

8.2.3 Isifanekisozwi u “chu“ kumhlathi wokuqala sinika ntsingiselo ni kumgca esikuwo? (2)

8.2.4 Khupha ibinzana kwisicatshulwa elithetha: “ukudinwa kakhulu”. (1)

8.2.5 Ingaba ibinzana elithi “Ubumfene obu bukuye” lithetha ukuba wayedinwe kakhulu okanye wayembi na lo mfo? Khetha ibeNYE echanekileyo. (1)

8.2.6 Nika igama lalo rhunta kuthethwa ngaye apha kwisicatshulwa. (1)

8.2.7 Igama “umrhaji” libonisa ukuba yayikweyiphi imeko le ngubo? (1)

8.2.8 Wayekade elala enexhala lantoni lo mlinganiswa kuthethwa ngaye kule ndawo asuka kuyo? (1)

8.2.9 Kutheni elala engenaxhala nje ngoku njengoko esitsho umbhali? (2)

8.2.10 Umbhali usebenzise igama, “etofotofo” ukunika umfanekiso-ngqondweni webhedi enjani? (1)

8.2.11 Lo rhunta ubuyiswa yintoni kule ndawo avela kuyo? (2)

8.2.12 Wayekhe wabanjwa lo rhunta; Wayebanjelwe ntoni, saze sathini isigwebo awasifumanayo?

8.2.13 Ngokwenkcazelo karhunta uthi ubuyiswe yintoni kule ndawo avela kuyo? (2)

8.2.14 Ibimingaphi iminyaka lo rhunta walishiyayo ikhaya?

[21]

**[35]**

**OKANYE**

## ICANDELO D: ISIHOBE

**UMBUZO 9 (IMIBUZO EMIFUTSHANE)**

**VUKANI MADODA- A Stemela: Umhleli**

Phendula nayiphi imibuzo emi**BINI** kweli Candelo**.**

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UMANYANO-Qangule Z.S**

1. Ubuhlobo babo yindima yobobo,
2. Ubuhle babo ngamagqabi ehlobo.
3. Zimvo zabo bubunzulu bolwandle,
4. Qilimba lwazo ntsimbi yesinyithi.
5. Izivindoviya zemihla zenza ingxolo,
6. Zigxutsha kutsho kube bubutyobo.

7. Bona basala beme nje ngezikhondo
8. Kaloku ezantsi iingcambu zibambene.
9. Zavela ziphefumlelana ngamoya mnye,
10. Kuba zingqubeka matyeni manye.
11. Ningalibali zintshula mbewini inye,
12. Kwasekuqaleni zihamba ndlela inye,
13. Bathi igazi liyajiya kunamanzi,
14. Kanti iingcambu ziyakufunxa okumanzi.

| | | |
|---|---|---|
| 9.1 | Luhlobo luni lo mbongo olu? Xhasa impendulo yakho. | (2) |
| 9.2 | Chaza ngamazwi akho okuqulethwe ngumgca wokuqala walo mbongo. | (2) |
| 9.3 | Sithini isizathu sokuba umbhali umanyano olu alufanise namagqabi emithi ehlotyeni? | (2) |
| 9.4 | Amagama asetyenziswe yimbongi kumqolo wesi- 5 nowesi -6 kwisitanza sokuqala aphuhlisa ntoni ngobomi? | (2) |
| 9.5 | Nika imisebenzi emiBINI eyenziwa ziingcambu njengoko kuchaziwe embongweni. | (2) |
| 9.6 | Nika nokuba loluphi uhlobo lwembewu olwaziyo. | (1) |

9.7 Kumgca wesi-3 kwisitanza -1 kusetyenziswe esi safobe, “Zimvo zabo bubunzulu bolwandle” Xela udidi lwaso. (1)

9.8 Khetha umqolo kwisitanza sokuqala apho imbongi ifanisa umanyano nesixhobo esomelele kakhulu. (1)

9.9 Kukuthini ukuphefumlelana ngomoya omnye?(Isitanza -2 umqolo-we-9) (2)

9.10 Nika intsingiselo yesi saci, “Igazi liyajiya kunamanzi” (2)

9.11 Lo mbongo ubhalwe ngubani? (½)

[17½]

**OKANYE**

**UMBUZO 10 (IMIBUZO EMIFUTSHANE)**

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**INKONJANE-Sigonya VV**

1. Ndayibon’ indand’ ipheph’ okwengelosi.
2. Ndayibanga ngeliso ndathi yeyam.
3. Mpiko zayo zaphendlwa-phendlwa;
4. Ngumoy’ ongephi zityhil’ ubumbeje-mbeje.

5. Ndayibonga ndagqiba ngentliziyo.
6. Ndafihl’ izikhwazo ndisoyik’ uluntu.
7. Yandimemez’ ibikudaba.
8. Yavakal’ intlontl’ ingqay’ ubomi bam.

9. Wavakal’ umoya wentumekelelo.
10. Zagungq’ iingcango zentliziyo.
11. Lwabeth’ uvalo lundityel’ uba yeyam.
12. Umoya wembala nawo wandingqinela.

13. Ndayondela; ndayijonga; ndayiphononga;
14. Ndafik’ iyimfezek’ ingqibelelo.
15. Yayizotyiwe ngenene ngemini yehlobo.
16. Yabuthabatha bonk’ ubume bam.

17. Ndalama ndakondela eso sihlwithi.
18. Ndadandatheka ndakubon’ eso sifuba.
19. Ndawubon’ umandlalo wenzala yam umntyinga-ntyingana.

20. Isisila sona sixhentsa mva.

21. Luqhotyoshwe kweso sithuba ke olu lwimi.
22. Ndithethe ndagqiba kodwa hayi intlokomo.
23. Ndazibona ndindodwa ndisemehlwen' oluntu.
24. Ndanyalasa; ndingqola-ngqola; ndibheshuza;
25. Ngomphemfulo ndingaboni mntu.

26. Manqina mani na la andicaf' umphemfumlo?
27. Nzipho zini na ezi zindikrwemp' ulonwabo?
28. Ncumo luni na olu lukuwe ntaka ndini?
29. Mdiki mni lo ulele kwezo nzipho?

30. Ntaka ndini yezulu;
31. Ngeba wena uyinzulu;
32. Ngoba wena unyulu.

10.1 Nika isafobe esisetyenziswe kumqolo wokuqala walo mbongo unike nentsingiselo yaso. (2)

10.2 Xa umntu esithi uyayibanga into uthetha ukuthini? (1)

10.3 Caphula ibinzana kwisitanza sokuqala apho imbongi ichaza ubuhle bale nkonjane. (1)

10.4 Umqolo we-13 unika ntsingiselo ni kwisitanza sesine? (2)

10.5 Cacisa okuthethwa ngumqolo we-15 othi , "Yayizotyiwe ngenene ngemini yehlobo". (2)

10.6. Kukuthini ukwalama? (kumgca we-17). (2)

10.7 Tshatisa uKHOLAM A no KHOLAM B ubhale kuphela inombolo nonobumba.

| UKHOLAM A | UKHOLAM B |
|---|---|
| 10.7.1 Yandimemez'ibik'indaba. | A. Ukuhamba ngokuzithemba. |
| 10.7.2. Ndadandatheka. | B. Ukukhwaza uchaza umcimbi. |
| 10.7.3. Ndanyalasa | C. Ukuchulumanca entliziyweni. |
| | D. Ukophuka umphefumlo |

(3)

10.8 Ingaba yinyaniso okanye bubuxoki: "Inkonjane ziwuthanda kakhulu umoya wasebusika njengoko uzinika amandla okubhabha" Xhasa impendulo yakho ngesivakalisi esiNYE. (2)

10.9 Ingaba ikweyiphi imo apha imbongi kulo mbongo? Ingaba yonwabile okanye ikhathazekile. Chaza. (2)

10.10 Yeyiphi into onokuyiphendla emntwini kukho iinwele okanye iinzipho? (½)

[17½]

**OKANYE**

**UMBUZO 11(IMIBUZO EMIFUTSHANE)**

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**INTYATYAMBO – Mbutuma M**

1. Ewe, ntyatyambo, kha usibonise,
2. Ewe kaloku, kha usixelele:
3. Elona xesha lokuba ume,
4. Ililiphi n' elona ziko lakho,
5. Aph' umnt' angakha khona,
6. Uph' n' owona mthombo wakho,
7. Aph' umnt' angazikholisa khona,
8. Aph' angahl' azikhelele,
9. Aph' angazidid' akruquke

10. Baxolil' abahamb' emimangweni,
11. Kub' ubaph' ukuyol' emathafeni,
12. Babukel' ubuhle nehombo yakho.
13. Ubaxolisil' abazingeli bakho,
14. Balibala bebuk' ubuhle bakho.
15. Uzidlakimsil' iinyamakazi,
16. Ziphaphile zinokuqavakazi,
17. Zidl' obakh' obuncuthu,
18. Zikunye neentaka zezulu,
19. Idl' incind' emyoli kakhulu.

20. Ziindid' ezininz' iintyatyambo.
21. Ulinganiswa nomXesibe nabaMbo.
22. Kant' umthinjana ukwenz' ihombo,
23. Ukwenz' uvunywe lilizwe,

24. Ngomsebenzi wakho wobuzwe.
25. Waa, ntyatyambo, uvunyiwe,
26. Ngenene ngevumb' uthandiwe,
27. Kantu ngobuhl' uvunyiwe.
28. Ngomfaneleko wasamele.

29. Ndikubona futh' emifuleni,
30. Aph' uhlal' emafuku-fukwini.
31. Ngokungath' usekuwahombiseni,
32. Loo manz' anzongo-nzongo ezizibeni.
33. Phezu kwamachib' uyakhonya,
34. Ujikwa-jikwa kuhle ngumoya,
35. Ningqungqe kuhle nivum' ingoma,
36. Adungek' amanzi sel' eman' encoma,
37. Induluk' imisinga asal' amanxweme.

38. Zon'izitiya sel' izezakho
39. Kub' uman' ufunyanw' apho.
40. Zon' iibhekile namagogogo
41. Neembodlelana zikubeka kuzo,
42. Zide zikufak' ezindlwini.
43. Ubune kukuhlal' endlwini
44. Buphel' ubuhle kuni
45. Kuwe imvuthuluka kwakuni
46. Nilahlwe ubuhle bungasekho kuni.

11.1 Chonga isimntwiso kwisitanza sokuqala uchaze ukuba siphuhlisa ntoni? (2)

11.2. Xela indawo zibeNTATHU ethi imbongi zifumaneka kuzo iintyatyambo. (3)

11.3. Abantu bazisebenzisela ntoni iintyatyambo? (2)

11.4. Intyatyambo ibaxolisa njani abazingeli? (2)

11.5. Yintoni umsebenzi wobuzwe wentyatyambo? (2)

11.6. Nika igama lentyatyambo eyisimboli yalapha eMzantsi Afrika (ungayinika nangesiNgesi). (1)

11.7 Yintoni ethandwa zintaka kwintyatyambo? (1)

11.8 Nika igama eliqhelekileyo onokulisebenzisa endaweni yelo lithi, “Isitiya” (1)

11.9 Uthini umyalezo odluliswa yimbongi kulo mbongo? (2)

11.10 Caphula igama kwisitanza sokugqibela elichaza ukufa kwentyatyambo. (1)

11.11 Nika nayiphi na into abantu abathi bazilime kuyo iintyatyambo zabo ezindlwini. (½)

[17½]

**OKANYE**

## UMBUZO 12 (IMIBUZO EMIFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**Iimbongi zakwaNtu- Manyase L.T.**

1. Awu! Midak' akowethu, ndiboleken' indod' ibenye.
2. Ndiboleken' indod' ibe ny' enelizw' eliphakamileyo,
3. Indod' enomoya enelizwi eliqaqambileyo.
4. Indoda engakheth' bala lamntu, enentliziyo enye.
5. Ikh' isibekel' amabala ngeembongi zakwaNtu,
6. Ibek' izigigaba kutsho kuthi gabu amafu.

7. Ndifuna indoda enomoya ethetha inyaniso.
8. Indoda etheth' into eyivileyo esuka embilinini.
9. Ingaba yintetho ekhaphu-khaphu engenaxabiso.
10. Ibe yinto enokuvakala esuka entliziyweni.
11. Ngxatsho ke! Akungethethi nto ngeembongi zakwaXhosa.
12. Woba yinto ebhibhidlayo engakwazi kuxoxa.

13. **Yizani nendoda enelizwi elibetha neleembongi,**
14. Kub' indod' engenamoya yotheth' kant' iyanyelisa.
15. Zon' iimbongi zakwaXhosa zifun' indoda eyingqondi,
16. Kuba zatheth' umnt' esemny' elizweni isizwe saneliswa.
17. Zabonga mandulo aqin' amagwal' ay' emfazweni.
18. Zawukhaphela umkhosi zawukhupha esangweni.

19. Zabong' emthonyameni komkhulu iinkosi zalila
20. Zazisikelela zazizinzisa ezihlalweni zazo.
21. Zawuthutha-thuth' umkhosi izinja zakomkhulu zakhwina
22. Aqin' amadolo kumagwala athath' imikhonto yawo.
23. Ath' ebelil' iinyembezi zajika zazezovuyo,
24. Ath' ebehlininika, kwajika kwakokoncumo.
25. Ndiziselen' indod' ibe nye enehlombe kwanomoya.

26. Yiy' engafanel' ukum' enkundleni ityakatye ngeembongi,
27. Ibek' amabala nezibakala ibabaze, zokholwa.
28. Ukuze ingathethi zintw' ezingayi mxhelweni kwiimbongi,
29. Kuba ziintw' ezikwaz' ukuphixanisa nokufunza.
30. Kuba ziintw' ezinokuxolelanisa nokukhunga.
31. Azi nithi bantu bani n' aba soloko bakhamisa,

32. Bedumis' imisebenzi emihle yezandla zikaThixo,
33. Beneliso elibukhali, besoloko bafanisa.
34. Bechub' iindaba bentyiloza, besikhumbuza ngamasiko.
35. Makadunyiswe ke lowo Thixo wadala iimbongi,
36. Ukuze zihlale zihleli ke kwaXhosa iingqondi.
37. Ncincilili!

| | | |
|---|---|---|
| 12.1 | Xa kuthethwa ngoNtu kuthethwa ngabani? | (1) |
| 12.2 | Ngokwalapha kulo mbongo lelinjani ilizwi eliphakamileyo? | (1) |
| 12.3 | Umntu othetha into esuka embilinini sithi uthetha into esuka kuye nga……..(Gqibezela) | (1) |
| 12.4 | Chaza okuphuhliswa ngumfanekiso-ngqondweni oziswa sisifanekisozwi, u "gabu" esisetyenziswe yimbongi kumgca wesi-6. | (1) |
| 12.5 | Nika isichasi sebinzana, "ekhaphu-khaphu." | (2) |
| 12.6 | Tolika okuthethwa yimbongi kumgca obhalwe ngqindilili we-12. | (2) |
| 12.7 | Chaza umahluko ophakathi kwembongi yomthonyama nembongi yosiba. | (2) |
| 12.8 | Nika nayiphi na into engenye ethi ibongwe ziimbongi. | (½) |
| 12.9 | Xela udidi lwesafobe esisetyenziswe kumqolo we- 20 unike nentsingiselo yaso. | (2) |
| 12.10 | Uchasaniso olusetyenziswe kumqolo wama- 23 nowama- 24 luchaza msebenzi mni weembongi esizweni? | (2) |
| 12.11 | Ngonjani umntu onehlombe? | (1) |
| 12.12 | Luthini uluvo lwembongi ngeembongi zakwaNtu? | (2) |
| | | [17½] |

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**

**AMANQAKU EWONKE: 70**